Isifundo 13

**Disemba 19–25*

Izulu, Imfundo, Nokufunda Ngonaphakade

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Yohane 3:16, 1 Yohane 5:13, 1 Tim. 1:16, 1 Kor. 13:12, Zek. 13:6.

Indima Yenkumbulo:

"Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu, zizo uThixo awazilungisela abo bamthandayo" (1 Korinte 2:9).

Imbongi, isoyika ukufa, yabuza ukuba umntu angaphila njani "engazi ngokuqinisekileyo ukuba yintoni umsobomvu, yintoni ukufa, yintoni intshabalalo, elindele ukuba sezingqondweni ngaphaya kwengcwaba?" yadala kumbongo wayo into eyayibiza ngokuthi, Iziko Lokulungisela Ixesha Lasemva Kokufa [IPH, the Institute of Preparation for the Hereafter]. Kanti ke, umntu angalilungiselela njani ixesha lasemva kokufa ukuba akazi kwaukuba kwenzeka ntoni emntwini kulo? Ngethamsanqa, iBhayibhile isinika imbono enkulu kumcimbi wezulu, umhlaba omtsha, nokufunda nokuphila esiya kukwenza kunaphakade. Njengoko sibonile kwikota yonke, olu lungiselelo lulapha ngoku, kobu bomi, kwaye yonke imfundo yethu—nokuba yintoni efundwayo imele ibe kukusilungiselela elo "xesha lasemva kokufa."Ngapha koko, nasiphi isikolo sinako ukudlulisa into eninzi yolwazi olulungileyo, imfumba yolwazi oluphathekayo lokulungileyo nokululwazi. Phofu kunganceda ntoni xa umntu engazuza lonke olo lwazi aze alahlekwe bubomi obungunaphakade? Kule veki siza kuqwalasela koko impefumlelo isixelela kona ngesikolo sokugqibela semfundo ephezulu, isikolo esiqhubeka ngonaphakade apho siya kufunda sikhula kunaphakade wonke. Kwesi sikolo sasemva [kokufa], siya kufunda izinto, kweli lizwe langoku, esingeke siqale nokuzicinga.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaDisemba 26.*

Isiphelo Sabafileyo

Kwiminyaka ye-1600, umbhali waseFransi, uBlaise Pascal, wayecingisisa (esetyisa) ngemeko yoluntu. Kuye, inye into eyayicace kakhulu: nokuba umntu uphile ixesha elingakanani (kudala babengaphili xesha lide), kwaye nokuba bulunge kanjani ubomi bomntu lowo (kwaye ubomi babungabalulekanga kakhulu ngoko), kungekudala loo mntu uza kufa. Ngaphezu koko, nokuba yintoni eza emva kokufa, loo nto yayiza kubande kakhulu, ubude obungenasiphelo, kunesi sishunqu sobomi bangoku obuphambi kokufa. Ngoko ke, kuPascal, eyona nto ifaneleke kakhulu enokwenziwa ngumntu okanye ayifumane sisiphelo esilindele abafileyo, waza wakhwankqiswa kukubona abantu bezixakekisile ngezinto ezifana "nokulahlekwa ngumsebenzi, okanye kukugculelwa akucingelayo kozuko lwakhe," kanti abawukhathalele umba wento eyenzeka xa bathe bafa. Iyavakala into ethethwa nguPascal. Ngaphandle kwentandabuzo, yiyo le nto iBhayibhile ichitha ixesha elikhulu ithetha ngesithembiso esilindele abo bafumene usindiso kuYesu, isithembiso soko kubalindeleyo kwixesha elizayo.

Funda ezi ndima zilandelayo. Sinikwa ithemba elithini apho? Yohane 6:54, Yohane 3:16, 1 Yohane 5:13, 1 Tim. 1:16, Yohane 4:14, Yohane 6:40, Yuda 1:21, Titus 3:7.

Ubomi obungunaphakade buyinto evakalayo xa ijongwe ngomnqamlezo; ngokukhanya komnqamlezo, akukho nto yimbi ivakalayo ngaphandle kobomi obungunaphakade. Eyokuba uMdali weyunivesi, Lowo "wayenza indalo yonke" (Heb. 1:2), kuYe "sihleli, siyashukuma, sikho" (iZenzo 17:28), ukuba Yena, Thixo, umele ukuba azalwe esenyameni yomntu aze athi ekuloo nyama afe . . . ngenxa yantoni? Ukuze ekugqibeleni sibole, njengento ezifele endleleni. Yiyo le nto iTestamente eNtsha iza ihonjiswe ngamadinga obomi obungunaphakade, alungiselwe kuphela iziqinisekiso zokubuyiselwa kwaphadade. Isigidi seminyaka, nebhiliyon ngokwayo, isenokungabi nawo amathuba amyoli awaneleyo ukuthabatha indawo yamathuba amabi. Ngunaphakade kuphela onokumisa ngendlela zonke izinto, kubekho kwanezinye, kuba kaloku okungapheliyo kuya kudlula okuphelayo, kwaye kuya kuba njalo ngokungenasiphelo. Wayenyanisile uPascal: ixesha lethu apha lincinane xa lithelekiswa noko kuzayo. Sisigezo ukungamlungeli unaphakade osilindeleyo.

Uthini kumntu obonisa ukungakhathali ngokupheleleyo ngoko kwenzeka emva kokufa? Ungamnceda njani loo mntu ukuba abone ukuba kunjani ukungabhadli kwemeko enjalo?

Ubukho Obutsha

“Azisule uThixo zonke iinyembezi emehlweni abo, kungabi sabakho kufa, kungabi sabakho nasijwili, nakukhala, nantlungu; ngokuba izinto zokuqala zigqithile” (IsiTy. 21:4). Kusixelela ntoni oku ngendlela obahluke ngayo kweli lizwe ubukho bethu obutsha, ubukho apho ukufa, usizi, nentlungu zimkileyo?

UmKristu wayethetha nomhlobo ngethemba leendaba ezilungileyo, isithembiso sobomi obungunaphakade ngoYesu Kristu. Waphendula umhlobo eyichasa yonke le ngcamango. “Ubomi obungunaphakade?” watsho eshukumisa amagxa. “Ingcamango embi! Iminyaka yethu engama-70 ukuya kwangama-80 apha mibi ngokwaneleyo. Ngubani ongathanda ukuyolula le meko iye kunaphakade? Ingasisihogo eso.” Lo mntu unokuba wayevakala, ngaphandle nje kokuba wayengaqondi ukuba sisithembiso sobomi obungunaphakade asikuko nje ukuqhubeka nobu bomi balapha. Khawucinge—ngubani obengathanda loo nto? Endaweni yoko, ngokutsho kwendima engasentla, izinto ezindala zidlule, izinto zonke zenziwe zabantsha.

Zisixelela ntoni ezi ndima zilandelayo ngobukho obutsha obuzayo?

2 Pet. 3:10–13

IsiTy. 21:1–6

Umbuzo obalulekileyo kuthi kuko konke oku uthi: Kulixabiso elinzima kangakanani ukuba nendawo kobu bukho butsha? Sifikelela njani apho? Singaqiniseka njani ukuba siza kuba yinxalenye yabo? Zinto zini ebomini bethu, ukuba zikho, ezinokuma endleleni yokuba yinxalenye kwethu yoko uThixo asithembise kona ngoYesu?

Ngelo Xesha Siya Kwazi

"Izulu sisikolo; umhlaba waso wokufundwa yiyunivesi; ititshala nguLowo ungenasiphelo. Isebe lesi sikolo lalimiselwe e-Eden; kuya kuthi lakuba lifeziwe icebo lokuhlangulwa, imfundo iphinde iyokuqala kwakhona kwisikolo sase-Eden." Ellen G. White, *Education,* p. 301. Ukuba uyafana nabanye abantu, unemibuzo emininzi—imibuzo ngesono, ngokubulaleka ngokugula, ukufa, nokuba kutheni kusenzeka oku, kanti kona okuya, nenye into yenzeka njani. Sinemibuzo ngelizwe lendalo, nazo zonke izinto eziyimihlola (iimfihlelo). Nangona kukho konke okuyinkqubela okwenziwe yisayensi, ekunzima ukukukholelwa, phofu, okusinceda sibe nokuqonda ngaphezulu ngelizwe neyunivesi iyonke, kuse kuninzi okungaphaya esingakwaziyo ukufikelela kuko.Kususela kweyona nto incinane ephilayo kuse phezulu esibhakabhakeni esingaphaya kweentloko zethu, kusukela ekushukumeni kothulana oluncinane kuse kwiinkwenkwezi ezisemajukujukwini kuyo yonke indalo, sijongene nobunyaniso obukhulu nobunzulu kakhulu ukuba bungaqiqwa ziingqondo zethu, ngakumbi sinexesha elincinane kakhulu apha ngoku ukuba sizifundele ngokwethu ezi zinto. Kwelinye icala, xa unonaphakade wokufunda, iimfihlelo ezininzi, ngokuqinisekileyo siya kuzisonjululelwa.

Zisixelela ntoni ezi ndima ngoko siya kukufunda ngako nje ukuba esi siqendu silusizi sesono nokubulaleka nokufa, ekugqibeleni, siphele?

1 Kor. 13:12

---

1 Kor. 4:5

Sithenjisiwe ukuba siya kunikwa ukukuqonda oko kuhleli kufihliwe kuthi okwangoku. Ithemba elimangalisayo, nalo, lokuba ngako nje ukuba sizibone siziqonde izinto ezibonakala zinzima kakhulu ngoku, siya kusala nento enye kuphela, ukumdumisa uThixo! Undoqo kuthi ngoku kukubambelela elukholweni lwethu, sithembe amadinga kaThixo, siphile ekukhanyeni "[si]nokuzenza zonke izinto [si]kuKristu lowo u[so]melezayo" (Filipu 4:13).

Yimibuzo enzima ethini esinda intliziyo yakho? Zinto zini ezibonakala zinzima ukuba uziqonde ngoku? Ukufunda ukuthemba uThixo ngezinto oziqondayo ngoku kungakunceda njani ukuba umthembe kwezo ungaziqondiyo?

ITitshala Kwixesha Lasemva Koku

"Kuba ubukhaphukhaphu bembandezelo yethu eyeyomzuzwana busisebenzela ngokuncamise kwaphela ubuqaqawuli obukhulukazi obungunaphakade sakubon' ukuba asixuneli kwezingabonwayo. Kuba ezibonwayo zezomzuzwana, ke zona ezingabonwayo zezonaphakade." (2 Kor. 4:17, 18). Zisinika ithemba elithini ezi ndima? Zinokuba ziintoni ezinye zezi zinto zingekabonwa zikanaphakade sizilindeleyo, esithenjiswe zona ngoYesu? Khangela nakwisiTy. 21:1, 2; IsiTy. 2:7; IsiTy. 7:14–17.

Nokuba ayinyaniso kangakanani amadinga esiwanikwa ngoYesu, nokuba zininzi kangakanani izizathu ezilungileyo ekufuneka sikholelwe ngazo, inyanio ihleli yokuba iBhayibhile isinika nje amasuntswana, ukusikrobisa nje, koko kusilindeleyo. Into enye esingaqiniseka ngayo, phofu, yeyokuba kuza kuba kuhle, kuba, cinga nje ukuba, bebuya kuba njani ubomi ukuba besikwindawo apho singadlavulwanga khona sisono! Yonke intlungu yethu, konke ukubulaleka kwethu, zonke izinto esilwa nazo apha ziphuma esonweni, kunye neziphumo zesono. UKristu weza ukuba akuchithe konke oko, kwaye uya kuwubuyisela umhlaba koko uThixo wayefune ekuqaleni ukuba ube kuko ngaphambi kokungena kwesono. Kakuhle, uya kubangcono, kuba, phakathi kwako konke oku kuhle, siya kukwazi ukuhlala ngonaphakade sibona amanxeba ezandleni nasezinyaweni zikaYesu, indleko yokuhlangulwa kwethu. "Apho, xa isigqubuthelo esisitha umbono wethu siya kuba sisusiwe, aze amehlo ethu abone elo lizwe lobuhle esithi ngoku sizithi tshazi nje ngesixhobo sokujonga ezona zinto zincinane; xa sikhangele ubuhle bamazulu, ngoku esiwafunda ekude ngesixhobo sokubona kude; xa, kuya kuthi sisusiwe isibetho sesono, ubonakala wonke umhlaba unobuhle bukaYehova uThixo wethu, hay' ubuhle bomhlaba wokufundwa oya kuvulwa phambi kwethu! Apho, umfundi wesayensi uya kufunda iingxelo zendalo angaboni zinto zikhumbuza umthetho wobubi. Uya kuphulaphula umculo wamazwi endalo angafumani sandi sakukhala okanye isingqala sosizi. Kuzo zonke izinto ezidaliweyo uya kuphawula umbhalo omnye wesandla—kububanzi beyunivesi ubona 'igama likaThixo libhalwe kakhulu,' kungekho mqondiso wenkohlakalo useleyo emhlabeni okanye elwandle okanye esibhakabhakeni "—Ellen G. White, *Education*, p. 303

Zama ukuba nomfanekiso wokuba kuya kuba njani ukuhlala ngonaphakade kwilizwe elitsha ngokupheleleyo, lingenako konke okwenza ubomi bube nzima apha. Umbono wokuba liya kuba njani? Zinto zini okhangele, ngokukodwa, ukuba uzibone?

ITitshala Enkulu

Njengoko sibonile kule kota onke, icandelo elinye elisembindini wolungiselelo lukaKristu apha emhlabeni yayilelokuba yititshala. Kususela ekuqalekeni kolungiselelo lwaKhe, nokuba kungezenzo okanye imisebenzi, uYesu wayezingisile ukubafundisa abalandeli baKhe iinyaniso ezingaYe, ngoYise, nosindiso, nangethemba elisilindeleyo (khangela: Mat. 5:2, Marko 4:2, Luka 19:47, Yohane 6:59). Ngokwenene, konke ongakwenza kukuthi rhwelele ukufunda iVangeli, nayiphi, kuyo yonke uya kumfumana uYesu efundisa. Nangona phofu, nangoku, ngeLizwi laYo, iNkosi iyaqhubeka ifundisa. Nakwilizwe elitsha oku kufundisa kuza kuqhubeka. Cinga ke kodwa, ukuba kuya kwahluka njani ukubakho kwindawo engaxakekiswanga sisono nayo yonke imiqobo esiyibeka phezu kwethu.

"Kothiwa kuye, Ayini na la manxeba asezandleni zakho? Athi, Ngendangxwelerhwa ngawo endlwini yabazizihlobo zam" (Zek. 13:6). Ucinga ukuba ithetha ngantoni le ndima?

Iminyaka kanaphakade, njengoko ibheka phambili, iya kuzisa izityhilelo ezihle neziqaqambe ngakumbi nangakumbi zikaThixo noKristu. Kuya kuthi ngexesha ulwazi luqhubela phambili, kube njalo nakuthando, nembeko, nolonwabo, ukukhula. Okona abantu befunda ngoThixo, okona kuya kuba ngaphezulu ukusithanda isimilo saKhe. Uthi xa uYesu etyhila phambi kwabo ubutyebi bokuhlangulwa neempumelelo ezimangalisayo kwimbambano enkulu noSathana, iintliziyo zabahlangulweyo zithabatheke kukuzinikela okunyaniseke ngaphezulu, baze bathi, ngokuphuphuma kovuyo olongeziweyo, bazichukumise iihadi zegolide; athi amazwi angamashumi amawaka aphindaphindwe kangangamawaka angamawaka ahlangane ukunyusa ingoma enkulu yokudumisa. . . . Imbambano enkulu iphelile. Isono naboni abasekho. Indalo yonke [iyunivesi] icocekile. KuLowo udale konke, kumpompoza ubomi nokukhanya nolonwabo, kuwo wonke ummandla wendawo engenamida. Kususela kweyona nto incinane kuse kwelona likhulu ihlabathi, zonke izinto, eziphilayo nezingaphiliyo, kubuhle bazo obungenasithunzi novuyo olugqibeleleyo, zivakalisa ukuba uThixo uluthando."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu,* p. 678.

Kuzo zonke iinyaniso ekunzima ukuzikholelwa esiya kuzifunda ngonaphakade wonke, ayikho esithabathekisayo ngaphezu kombingelelo kaKristu ngenxa yethu. Cinga ngobunzulu bokutyeba okuya kuba khona kuba siya kufunda unaphakade wonke. Nangoku, ungakufunda njani ngcono ukuxabisa oko uYesu asenzele kona ngoMnqamlezo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "The School of the Hereafter," pp. 301–309 in *Education*; "Imbambano Enkulu Iphelile," amaph. 662–678, kwi-Imbambano Enkulu. "Ingonyama esifanele ukuyinkwantyela siyoyike apha ngoku, ngelo xesha, iya kulala phantsi nemvana, kwaye yonke into kuMhlaba omTsha iya kuba luxolo nemvisiswano. Imithi yoMhlaba omTsha iya kuma tswii, ibe mide, ingagobi. . . . "Konke okuhle ekhayeni lethu lasemhlabeni kusikhumbuza ngomlambo wekristale, amathafa aluhlaza, imithi eshukuma ngendili, nemithombo emanzi aphilisayo, isixeko esibengezelayo neemvumi ezivathe iingubo ezimhlophe, kwikhaya lethu lasemazulwini—elo lizwe lobuhle ekungekho mzobi unokuba nomfanekiso walo, ekungekho nolwimi lomntu onokufa olunokulichaza. Umfanekiso ngqondweni wakho mawube nomfanekiso wekhaya labasindisiweyo, ukhumbule ukuba liya kuqaqamba ngaphezulu kakhulu kumfanekiso wena onawo onokuzotywa yingqondo."—Ellen G. White, *Heaven*, pp. 133, 134. "Uloyiko lokulenza ilifa lexesha elizayo ukuba libonakale ligxile kubukho bezinto eziphathekayo lwabakhokelela abaninzi ukuba bazithabathe ngokwasemoyeni kuphela kwazona ezi nyaniso zisikhokelela ekulikhangeleni ilifa elo njengekhaya lethu. UKristu wabaqinisekisa abafundi baKhe ukuba uyokubalungiselela iindawo endlwini kaYise. Abo bazamkelayo iimfundiso zelizwi likaThixo abasayi kuba sebumnyameni ngokubhekiselele kwikhaya lasemazulwini. . . . Ulwimi lomntu alukwazi ukuwuchaza umvuzo wamalungisa. Uya kwaziwa kuphela ngabo bawubonayo. Ingqondo emfutshane ayingeke ikwazi ukubuqonda ubuqaqawuli beParadesi kaThixo."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, amaph. 674, 675.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Gxila ngakumbi kwinqaku elenziwe nguPascal, ngabantu ababona bengakhathali ngokuba uza nantoni unaphakade. Ucinga ukuba kutheni le nto benjalo abantu? Kutheni le nto ikukungasebenzi kwengqiqo ukuba nalo moya?

2. Gxila ngakumbi kwimbangi yokuba ubomi bukanaphakade bube bubaluleke kakhulu elukholweni lwethu. Ngaphandle koko, kutheni singenanto ngokwenene?

3. Cinga zonke iimfihlelo ezingakholelekiyo ezikhoyo kwilizwe elidaliweyo [lemveli]. Nokuba zizifundo ze BIOLOGY, GEOLOGY, ASTRONOMY, PHYSICS, CHEMISTRY –kuyo yonke imida yemfundo yonke into isuka ibe nzima kakhulu kunokuba abantu babecinga kuqala. Ososayensi, umzekelo, abasathethi ngeentlobo "zobomi obulula nje" kuba, ngokufumanisa kwabo, nolona hlobo lulula alukho lula ngolo hlobo. Konke ukugqobhoza, nokufunyanwa kwento entsha, kusuka kube ngathi kusivulela eminye imibuzo ekufuneka iphendulwe. Kusinceda njani konke oku ukuba siqonde ukuba kungakanani esiya kukufunda "esikolweni sasemva koku"?